EZRA MCEBISI NKOHLA

Umbhali u EZRA MCEBISI NKOHLA uzalwa ngabangasekhoyo uDavid Nkohla kunye nentombi yakwa Mahlabela Nomagalili—uMagebashe . Ukhulele apho eMzimkhulu kulo nina. Bangabantwana ababini kowabo, yena esalekela umafungwashe uNonceba. Kambe kwelo khaya ibilusapho olukhulukazi olumalungu aya eshumini. Umbhali lo ke inguntondo kubo bonke. Kulapho aqalise khona ukungena isikolo samabanga aphantsi kwisikolo sase Corrith JSS. Iimpembelelo zokuthanda ukufunda uluncwadi lwantshula apho Kanye, efundelwa zonke iindidi zenoveli,amabalana neentsomi, iidrama, imibongo. Ukusuka apho uye kungena kwisikolo sase Mt FLETCHER edolophini esiyi Mt Fletcher village school de wagqithela Eramafole SSS apho waye bhexeshwa nguMrs Matee phantsi kwe nqununu unkosikazi NAKIN.

Emva kwebanga leshumi, ubuyele eMzimkhulu ukuya kuphangela kwisebe lakwa SOCIAL DEVELOPMENT njengomabhalana. Ugqithiselwe kwi arhente ISASSA nje ngesetyana elilawula ezenkamnkam apho asaphangela khona. uqhubekile ebhala de wangenela imibutho yababhali efana noBHala WRITERS GUILD. Emva koko ungenele uMzimkhulu Reading and Writers club.

Inoveli yakhe yokuqala ukuba mayifikelele kubapapashi UNGENXA YESITHEMBISO yaphuma phambili yazuza loo mbasa kukhuphiswano lwababhali olwaluququzelelwe yi Arts and Culture yephondo lase KZN. Ngonyaka ka 2011 iphinde yaphuma phambili kukhuphiswano lakwa Pearson Maskew Miller. Inoveli yakhe yesibini ethi: ZAJIK'IZINTO yathi yathakazalelwa ngokumangalisayo. Zibhalwe ekhuthazwa, ekwaphenjelelwa ngababhali abafana noo profesa Sawule, amanyange afana nooWK TAMSANQA, KS BHONGELA, M A NGANI, Profesa A JORDAN, Dr N. SIBIYA, MJ MNGADI. UNxasana lo , uDunjana, uMkhiwa, uSkonza uzimanye ngeqhina lomtshato kunye no SINDISWA NGXANGA- NKOHLA. Balizwe ngabantwana bango LINATHI, MINENTLE, TLOTLISO, MIHLALI, LUBANZI.

Umfo ka nxasana unesitifiketi kwi- *social security* asizuze kwidyunivesithi UJ eyayisakuba yi R. A. U.